YOU AND YOUR RIGHTS

ISibonelelo-Ncedo

Unakho ukwenza isicelo seSibonelelo-Ncedo ukuba unokukhubazeka okuthetha ukuba udinga **ukunonotshelwa rhoqo ngomnye umntu**.

Ukuze ube nokufumana esi sibonelelo, kufuneka ube ufumana **iSibonelelo sokuKhubazek**a OKANYE iNkamnkam **yabaDala** OKANYE **iSibonelelo saMagqala eMfazwe**. Akunakusifumana sisodwa nje.

Ukususela ngomhla woku-1 October 2019, esi sibonelelo siyi-**R430** ngenyanga

Ungenza isicelo sesibonelelo kwiofisi yakwa-SASSA ekufuphi, mhlawumbi

- ngaxeshanye usenza isicelo sesibonelelo esiqhagamshelane naso; okanye
  - xa uqalisa ukudinga ukunonotshelwa rhoqo ngomnye uumntu.

Akukho nto uyihlawulayo ngokwenza isicelo.

Kufuneka uze **nobungqina bokukhubazeka kwakho** – kwakunye namaxwebhu anjengesazisi sakho kwanobungqina besimo sakho ngokwasemtshatweni. Kodwa ukuba akunawo la maxwebhu, usenako ukwenza isicelo usebenzisa ezinye iintlobo zesazisi.

Ukuba akukwazi ukuya buqu kwii-Ofisi zakwa-SASSA, abakwa-SASSA baya kwenza amalungiselelo okuba bakundwendwele ekhayeni lakho ukuze ugcwalise uxwebhu lwesicelo. Emva koko unakho ukumelwa ngumhlobo okanye lilungu losapho.

Abakwa-SASSA kufuneka baqalise ukuhlawula isibonelelo sakho **kwiinyanga ezintathu** nje ukuba sivunywe.

Ukuba isibonelelo sakho siyavunywa, ungenza isicelo soncedo lwethutyana olukuhlobo lo**Ncedo** lweze**Ntlalo kwiMbandezelo (i-SRD)** ngexa ulindele intlawulo yakho yokuqala. Imali ye-SRD iya kutsalwa kwisixa sesibonelelo sakho.

BLACK SASH

MAKING HUMAN RIGHTS REAL

“Wonke ubani unelungelo lokufumana ukhuseleko lwezentlalo, kuqukwa, ukuba akanakho ukuzondla yena nentsapho yakhe, uncedo lwezentlalo olufanelekileyo. Urhulumente kufuneka athabathe amanyathelo afanelekileyo omthetho kunye namanye amanyathelo, kangangokuba enakho, ukuze afezekise ukuthi gqolo kokufumaneka kwelungelo ngalinye kula.”**- ICandelo 27 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika**

“Wonke ubani unelungelo kwisenzo sezolawulo esisemthethweni, esifanelekileyo nesingenasheyi ngokwenkqubo... kwaye wonke ubani omalungelo akhe athe aphulwa ngenxa yesenzo esithile sezolawulo unelungelo lokuba anikwe izizathu ezibhaliweyo.”
- ICandelo 33 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika.

UKUZIKHWEBULA NGOKWASEMTHETHWENI: Ngexa kwenziwe zonke iinzame ukuqinisekisa ukuba ulwazi olupapashwe apha luchanekile, abakwa-Black Sash abathwali xanduva ngayo nayiphi na ilahleko okanye umonakalo ongadalwa kukuthembela okanye kukusebenzisa olu lwazi. Iziqulatho azithethi zingcebiso ngezomthetho. Olu xwebhu lolwazi lugqibele ukuhlaziywa October **2019**.

Ngayo nayiphi na imibuzo onganayo ngezibonelelo okanye xa ufuna ukuchaza ubuqhopholo kwizibonelelo, tsalela kule nombolo yoncedo yakwa-SASSA:

0800 601 011

Ukuba uneengxaki ngezabasebenzi, tsalela **INOMBOLO YONCEDO** yakwa-**Black Sash** ukuze ufumane inkxaso neengcebiso zezomthetho **SIMAHLA:**

BLACK SASH HELPLINE

072-66 33 739
help@blacksash.org.za

YOU AND YOUR RIGHTS

ISibonelelo-Ncedo

(IsiXhosa – Grant in Aid)

BLACK SASH
MAKING HUMAN RIGHTS REAL